

FEBHRUWARI 2014

Hermanus	Telephone 028 313 8000	Fax 028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency	028 313 8000/8111
Fire Brigade	028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UNYAKA WEZIGANEKO, EWE, KODWA OBE YIMPUMELELO ENKULU:

MAKHE SIJONGE IXESHA LEEHLIDE ZOWAMA-2013/14



iFoto: Overstrand Herald

I-Overstrand iphinde yayingqina into yokuba yenye yeendawo ezibalulekileyo zokuchitha iiholide eMzantsi Afrika. Ngokutsho koMphathi-Masipala uCoen Groenewald, "abachithi-ziholide bengayi kufuna imozulu eyenye ngexesha leeholide".

Mhlawumbi ngenxa yemozulu entle uCape Whale Coast - inkampani esemthethweni yokwazisa ngeOverstrand njengendawo yezokhenketho - unike ingxelo yokuba abakhenkethi bebenento yokuhlala ixesha elongezelelweyo kangangokuba amaqumrhu ezokhenketho anike ingxelo yamanani aphezulu abantu abebahlala kwiindawo zokuhlala. Enye into ebalulekileyo ngamanani anyukileyo eendwendwe ezivela phesheya kolwandle uninzi ingabantu abavela eFransi, eUK, eJamani, eNetherlands, eUSA naseSweden abangabantu ababenobulumko bokubaleka imozulu ebandayo kumazwe abo beze apha ezantsi apho kushushu ngeli xesha lonyaka.

Ngelishwa abantu abahlanu baye basweleka elwandle ngeli xesha, kwaza kwakho omnye ohlaselwa ngukrebe eGrotto Beach - ngethamsanqa yena akasweleka. Le ngxelo inikwe ekuqaleni kukaDisemba.

Ngentsebenziswano ephakamileyo phakathi kwamagosa ezomthetho, abasebenzi bakamasipala, iinkampani zokhuseleko zabucala noluntu ngokubanzi ulwaphulo-mthetho lube phantsi kakhulu nto leyo ethetha ukuba wonke umntu ube nexesha elimnandi leeholide kwindawo efana yodwa.

Nangona izithuthi bezizinzi ngokugqithileyo kwiindlela zaseOverstrand iNtloko yeZezithuthi uChief Rudi Fraser neqela lakhe bazilawule ngendlela emangalisayo. Oku kwenziwe lula kukuba bebezilungiselele noluntu lwano-monde. Ukongeza kumsebenzi wabo wokuncedisa kwimisebenzi elithoba ebikho apha eHermanus iSebe leZithuthi lithathe inxaxheba ekukhupheni kwiindlela zoMzantsi Afrika izithuthi ezingabhaliswanga ezingekho ngaphantsi kwama-517.

Imililo engephi ekuqikelelwa ukuba ibangelwe kukungakhathali icinywe ngokukhawuleza ingekenzi monakalo mkhulu kwibhosisi okanye emizini. Kwakhona intsebenziswano entle phakathi kweZocimo-mililo, iNkonzo zeze-mililo zikaMasipala weSithili iOverberg namaqela kaCape Nature naBezemi-lilo ibonakele.

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie ubulele kuluntu nakumagosa kamasi-pala ingakumbi abo bebesebenza bengabonwa ngegalelo labo kwixesha elibe yimpumelelo.

Ukubeka iOverstrand emehlweni elizwe nokufumana amaqaku njengendawo ebalulekileyo asiyonto yenzeka nje ngosuku olunye. Sisiphumo somsebenzi owenziwa ngumntu wonke ezinikezele esebenzela ukuba ogqithe imisebenzi yangaphambili. Ukuba ukunconywa esikufumene ngoku yinto ebonisa indlela esikuyo ngokuqinisekileyo sikulo! Ngxatsho ke kumntu wonke!

USHISHINO LUYAQHUBA NGELI LIXA IMAIN ROAD ILUNGISWA

Ukulungiswa kweHermanus Main Road phakathi kweHarbour Road neMarine Drive kwaqala phakathi kuJanyuwari kwaye omabini amacala ale ndlela aza kuvalwa izithuthi zingahambi kuwo de kugqitywe ekupheleni kukaFebruwari ukuba imozulu iyavuma. Oku kuthetha ukuba nangona abahambi ngeenyawo benokuwasebenzisa omabini amacala endlela eMain Road akukho zithuthi zinokungena eMain Road ngeli xesha kulungiswayo. Oku kuquka izithuthi ezizise impahla yokushishina kumashishini akule ndlela.

UMike Bartman, USekele-Mlawuli: linkonzo ezisebenzayo kumasipala waseOverstrand, uyiphindile into yokuba abathengisi abaqhele uku-

misa bothule eMain Road mabasebenzise iHigh Street okanye ezinye izitrato ezikufuphi ezifana neLong, iBroad okanye iCollege Street.

"ISebe lethu leZezithuthi lizibophelele ekubeni libe nemfobe ngeli xesha kulungiswa indlela lizivumele izithuthi zoshishino zimise kwizitrato ezingasetyenziswa rhoqo xa kuthulwa impahla yaseMain Road. Amagosa eZezithuthi alawula ukuhamba kwezithuthi nawo ayababongoza abaqhubi-zithuthi baseHermanus ukuba basebenzisane nabo babacingele abanye abasebenzisi-ndlela ngeli xesha lokulungiswa kwendlela," woleke watsho.

"Kukho amalungiselelo awodwa. Umzekelo

iMarket Street ekhokelela kwindawo yokumisa nokothula ecaleni kukaFNB ingasetyenziswa kudlulwe ngeMarine Drive. Kuba esi sitrato simxinwa asinakuhamba izithuthi kwiindlela ezimbini ngako oko kubonelelwa ngegosa lendlela eliza kuzikhokela izithuthi," ugqibezele watsho uBartman.

Uluntu lungafonela uMike Bartman ku-028 313 8972, uJaco Smith wakwaZebra Surfacing & Isidima Civils JV ku-076 147 8289 okanye uBert van Wyk wakwaV&V Consulting Engineers ku-082 339 0521. Oosomashishini abaseMain Road bangafonela uKees van de Coolwijk - ummeli wezoshishino okwiKomiti yonxibelelwano - kwa-FotoFirst eMain Road, ifoni 082 658 5370.

IIMBALEKI ZODUMO E-KLEINMOND!

"Iqela elinye imingeni esixhenxe"

NgoMgqibelo umhla we-11 Janyuwari 2014, imbaleki-yemidlalo emininzi uDan Hugo (osemfanekisweni) uphinde wayibanga igolide kwi-12th annual Totalsports Challenge ebiquzelelwe nguLiberty Medical Scheme and REHIDRAT® SPORT eKleinmond ngexesha elimangalisayo eliziyyure ezi- 07 imizuzu emi-06 nemizuzwana engama-53. Obekhuphisana naye uHeleen Rossouw kwabasetyhini kolu khuphiswana lwezigaba ezisixhenxe oluziikhilomitha ezili- 123.5 uphumelele ngexesha eliziyyure ezi- 08 imizuzu engama-59 nemizuzwana e-09.

U-Bradley Weiss neBermudan triathlete uFlora Duffy babeziintshatsheli yeTotalsports Terra Firma Challenge kumadoda nabasetyhini. U Duffy uthe: "Lo msitho ukwinqanaba eliphezulu umnandi, ulungiselelwe kakuhle. Ibala lonke lihonjiswe lambetshe-mbetshe."



u-Dan Hugo

Vula umtyhi kwabanethemba: Amanqaku ukhuseleko kubakhweli-zibhayisekile nabaqhubi-zimoto

GQAMA! UBONAKALE!

SEBENZISA IZIBANE. UNXIBE IMPAHLA EZIBONAKALAYO

Kusele nje inyanga eneentsukwana phambi kokhuphiswano i-Cape Argus Pick n Pay Cycle Tour lwaminyaka le, kwezi veki zizayo abaqhubi-zimoto baseOverstrand bangalindela ukunyuka kwe- "cycle traffic". Njengoko iindlela zaseOverstrand zisihla zinyuka le ndawo ithathwa njengendawo elungele ukuziqeqesha kwabo basaqalayo nabasele benamava ibanike ithemba lokufika ekupheleni kokhuphiswano besenamandla.

Intlolo yeZezithuthi uRudi Fraser ulumkisa bonke abaqhubi-zimoto ukuba bazi ukuba ayingabo bonke abakhweli-zibhayisekile abanamava ngako oko basingabathathi ngokuba bayazi yonke into eyenzeka kwiindlela zethu. "Sifuna ukubakhuthaza abaqhubi-zimoto ukuba babadlule abakhweli-zibhayisekile bebavulela isithuba esibuncinane buyi-1.5m. Ilula le nto: Ukuba isithuthi sikude nge-1.5 m kumkhweli-bhayisekile eso sithuthi asingeze singile umkhweli-bhayisekile," utshilo.


Kananjalo nabo abakhweli kufuneka benento abayenzayo kwelabo icala ukuthintela ilishwa elingaziwayo. I-Pedal Power Association's website inamanqaku okhuseleko lwabakhweli-zibhayisekile:

- Zifundise ukulungisa ivili eliphuma umoya
- Ngalo lonke ixesha yiba nazo izixhobo zokulungisa ivili, ube nayo nempompo
- Bonakala kangangoko xa ukhwele ibhayisekile ingakumbi xa uyikhwele ekuseni okanye ngorhatya.
- Yiba nezibane ebhayisekileni yakho (ezimhlophe ngaphambili; ezibomvu ngasemva)
- Faka izinto ezilayitayo (reflectors) apha emaqatheni unxibe imibala ekhanyayo.
- Ngalo lonke ixesha nxiba ihelmethi yakho
- Bubulumko ukunxiba iiglavuzi njengoko ziya kukukhusela xa uwile.
- Yithobele imitheho yendlela
- Ungaze udlule irobhothi ebomvu okanye uhambe kwindlela yeenyawo
- Ngalo lonke ixesha hamba ngasekhohlo
- Lumkela intlabathi esendleleni, amanzi, iglasi, i-oyile okanye igrabile
- Ngalo lonke ixesha xa uza kujika jongisisa ukuba akukho nto isitheleyo na
- Xa umisa okanye ujika sebenzisa iindlela zokukhomba icala oya kulo ngengalo
- Ziphathele umphako nento yokusela okanye amanzi xa uhamba ngebhayisekile
- Ukwenzela xa kunokwenzeka into usendleleni yiba nayo into eza kukuchaza ukuba ungubani waphi negama lomntu onokufonelwa.

Ukufumana amanye amacebiso vula ku- www.pedalpower.org.za.

I BIG BLUES

Nxiba izihlangu zakho zokudanisa uze wonwabele isingqi esimnandi intsuku ezimbini u mamele nomculo we blues e Kleinmond (harbour) ngo lwesiHlanu, umhla we 28 Febhuwari noMgqibelo, umhla woku 1 Matshi. UPiet Botha ngomnye wemvumi ezininzi ezobe zicula. Xa ufuna inkcazelo ebanzi malunga nengqubo kunye nokuthengiswa kwamatikiti, ndwendwela i webusayithi ethi www.bigblues.co.za.
kumfanekiso ngu Jesse Bethany Pearce



SOWUZILUNGISELELE UKUFUMANA/UKUHLAZIYA ILAYISENISI YAKHO YOKUQHUBA?

NANGA AMANQAKU ALULA ASISIKHOKELO

Ngokomthetho zonke iincwadi-mvume zokuqhuba zoluntu nezabantu mazihlaziye qho emva kweminyaka emibini okanye emihlanu ngokwahlukana kwazo. Kuninzi oku kukhangeleka kunzima kuyingxaki kusidla ixesha – ingakumbi xa ikokuqala ukuba ufake isicelo kufuneka uqale ufumane incwadi-mvume yoku-funda ukuqhuba.

Intlolo yeZezithuthi uRudi Fraser unqwenela ukuqinisekisa wonke umntu ukuba isebe lakhe lenza konke elinokukwenza ukuqinisekisa ukuba yonke le nto yenzeke ngokulula kangangoko kunokwenzeka. Ngentsebenziswano nje encinci yoluntu yonke into ingenziwa ngelona xesha lifutshane. Unelizwi lokucebisa kwabasha: "Ukufumana incwadi-mvume yokuqhuba yinto enkulu kakhulu ebomini bakhe nawuphi na umntu ngako oko njengayo nayiphi na into ebomini kungcono ukuba ukhawuleze uyenze ilayisenisi wahlukane nayo ngokukhawuleza."

Phambi kokuya kwiSebe leZithuthi jonga la manqaku alandelayo ukuqinisekisa indlela eqhuba ngayo yonke into nokuqinisekisa ukuba unawo onke amaxwebhu afunekayo nemali eza kubizwa.

ISICELO SEPHEPHA-MVUME LOKUFUNDA UKUQHUBA

1. Yiza nezi zinto zilandelayo:

- Isazisi/Ipasipothi yoMzantsi Afrika/Isiqinisekiso sokubhaliswa kwesithuthi
- Iifoto ezi-2 ze-ID
- Ama-R68 okubhatalela isicelo

2. Zalisa amacandelo-A, B no-D kwifomu ebhlowu (bhala nge-inki emnyama)

3. Yenza isicelo ku-3 okanye u-4.

4. Lindela ukwenziwa uvavanyo lwamehlo.

5. Buyela ku-Cashier 3 okanye u-4 ukwenzela ukwenza idinga.

USAKUPHUMELELA UVAVANYO LWELAYISENISI YOKUFUNDA UKUQHUBA

1. Yiza nezi zinto zilandelayo:

- Isazisi/Ipasipothi yoMzantsi Afrika/Isiqinisekiso sokubhaliswa kwesithuthi
- Ama-R30
- Ukuba ufuna ikopi yesibini yencwadi-mvume yokufunda ukuqhuba kufuneka wongeze ngama-R33 nezinye iifoto ezi-2 ze-ID

2. Buyela ku-Cashier 3 okanye u-4.

UKWENZA ISICELO ESITSHA SOKUQHUBA (ABAQALAYO)

1. Yiza nezi zinto zilandelayo:

- Isazisi/Ipasipothi yoMzantsi Afrika/Isiqinisekiso sokubhaliswa kwesithuthi
- Iifoto ezi-2 ze-ID
- Ama-R200 kwizithuthi ezikhulu
- I-R135 kwiimoto
- I-R135 kwisithuthuthu

2. Zalisa amacandelo A, B no-D kwifomu eluhlaza (bhala nge-inki emnyama)

3. Yenza isicelo kwi-Cashier 3 okanye 4

4. Lindela ukuxilongwa amehlo nokunyatheliswa kweminwe njl.njl.

5. Usakugqiba ukwenza yonke le nto ichazwe apha ngentla buyela ku-Cashier 3 okanye u-4 wenze idinga

6. Ukuba uphumelele uza kuhlalwa enye imali eli-R140 ubhatalela ilayisenisi yokuqhuba entsha.

"Inkcazelo epheleleyo malunga nokuhlaziya kwelayisenisi yokuqhuba yiya kwiwebusayithi kamasipala www.overstrand.gov.za"

II-DUO ZASE-JAMANI ZIBUYELA E-OVERSTRAND



Emva kwemini ngeCawe umhla we-16 Februwari, uPeter Bruns (cello) noAnnette Kuttner (piya-no) baza kudlala umculo eCivic Auditorium eHermanus. Le

konsathi iza kuqala ngeye-15:30. Baza kudlala uAdagio and Allegro, Op 70 ka-Schumann, Sonate pour Piano et Violoncello, Op 65 ka-Chopin no-Sonata for Piano no-Cello F-Major, Op 99 ka-Brahms.

Ebusuku ngoMgqibelo umhla we-8 Matshi, i-piano duo Genova noDimitrov baza konwabisabantu ngokudlala kwipiano enye eCivic Auditorium. Le konsathi iqala ngeye-19:00.

Amatikiti ungawathenga eBELLINI GALLERY eVillage Square. Bafonele ku-028 312 4988. Itikiti li-R100 (R50 kubafundi / abantwana besikolo).

Fonela umabhalana uRené du Plooy ku-082 940 4238 xa ufuna enye ingcaciso.



uPeter Bruns
noAnnette Kuttner



uGenova noDimitrov